

WOH 312

UBUHLE _ UBUHLE OBUNGAPHAKATHI

EZOBOMI : INKANGELEKO YANGAPHANDLE

EZOMPHEFUMLO : UBUHLE OBUNGAPHAKATHI

IBALI : IVENKILE YEZINTO ZOKUDLALA

UMBONGO : 'UBUHLE BUYINTO ENGAPHAYA'

ISIHLOKO ESIYINTLOKO : IMPILO

ISIHLOKWANA : UKUGCINA

ISIQULATHO SEZOBOMI : Indlela esizazisa ngayo nendlela esizikhathalela ngayo ibalulekile kodwa ayiyiyo eyona ndawo ibalulekileyo yobuhle

ISIQULATHO SEZOMPHEFUMLO : Ubuhle obungaphakathi kwinenekazi likaThixo . Iballi lomenzi wezinto zokudlala owayesenza into yokudlala nganye enenjongo ethile ngayo.

ISALATHISO : 1 UPETROSE 3 : 3

INGONGOMA SIFUNDO : UThixo ukwenze mhle ngolu hlobo olulo kwaye ukuthanda unjalo.

(UMXHOLO)

THANDOKAZI : Abafazi nobuhle bayahambelana . Amanenekazi elizweni jikelele aphuma endleleni yawo kuba efuna ukuba bahle .Yintoni eyona ibalulekileyo – ukukhangeleka mhle ; okanye – ukuba mhle ? Mhlawumbi zombini . Siza kukhe siqhulunqe ke le nyewe namhlanje kwinkqubo yethu iAmanenekazi eThemba . Lide ithuba noko manenekazi siwubeke emva lo mcimbi wobuhle – nditsho kuni manenekazi amahle nje ngawe

THEMBELIHLE : Molo mhlobo wam ! Namhlanje sinezinto ezininzi zokuncokola kunye kwaye siza kuncokola ngawe kanye ntombi entle . Hlala nje wena uzimamele . Khululeka sonwabele eli xesha lixabisekileyo kunye .

UMCULO

THEMBELIHLE : NdinguThembelihle ndikunye noThandokazi.

THANDOKAZI : Molo mhlobo wam Thembelihle . Kukho into ethile ngawe namhlanje .. Ukhangeleka kakuhle kakhulu ! Uyabengezela ! Yintoni ... kha utsho ?

THEMBELIHLE : (Ehleka) Nyhani ? Andazi . Ndonwabile namhlanje Bendinga ngendlela le endibabalwe ngayo nguBawo . Ndinombulelo kuThixo ongazenzisiyo wezinto andiphe zona ebomini bam . Usapho lwam , abahlobo bam , wena , abahlobo benkqubo yethu iAmanenekazi eThemba ...kuninzi nje mhlobo .UTHixo ulungile , mhle nyhani

THANDOKAZI : O Yiloo meko kanti ! Xa sonwabile , sinombulelo , kubonakala konke emehlweni nasebusweni bethu.

THEMBELIHLE : Makube njalo ke.... Kanti ke naxa sidakumbile , intliziyo isezantsi , ubuso buyaxela , umntu uba lusizi , anditsho ?

THANDOKAZI : Kunjalo , unyanisile Thembelihle Loo nto indenza ndicinge ngala manenekazi ngenkangeleko yangaphandle kodwa iintliziyo zona zilukhuni.Akuvula nje umlomo , kuphuma amazwi amabi anobukrakra nomsindo , zonke ezi zinto azisenzi bahle tu . Ungenza izinto ezininzi uphucule umhandle , kodwa ukuba intliziyo yakho ayizolanga , xa unenqala ngaphakathi , ubuso bakho buyiveza nje ngoko injalo ngaphakathi .

THEMBELIHLE : Makhe siyicingisise le meko kakuhle . Abanye abantu bayibona nje ngempazamo ukuchitha ixesha , mhlawumbi nemali siphucula imbonakalo yangaphandle , ukukhathalela ulusu lwethu , iinwele nokumila kwethu...

THANDOKAZI : Andiboni nto ingalungileyo xa amanenekazi ezilungisa . Amanenekazi nakuliphi na uhlanga nenkqubeko azixakekisa kakhulu ngobuhle . Bathatha iiyure bezoba ubuso , bexhonkxa baze bagaxele amatye anqabileyo , besoluka neenweleNanamhla oku amanenekazi eli xesha asaphuma endleleni ukuze abonakale emahle , andithi ?

THEMBELIHLE : Yinyaniso leyo Kodwa uninzi lwethu , manenekazi siyalibala ukuba ubuhle sisipho esidlulayo kuba siyaphelelwa. – ekuhambeni kwexesha siyoluphala .

THANDOKAZI : Uyaqaphela kodwa ukuba amanenekazi amaninzi kokuya ekhula aba mahe ngakumbi?

THEMBELIHLE : Ewe ndiyibona kakuhle loo nto . Aba nobubele futhi abe nesidima. Ndinga ukuba ubuhle obungaphakathi buphumela ngaphandle ngoku buze bubonakale ebusweni singabi sanakana nemibimbi le nesinqe esisixwexwe esandileyo singananzeki.

THANDOKAZI : Enkosi ngokusikhumbuza ukuba ubuhle benene bungaphaya kwento esiyibonayo ngamehlo enyama Thembelihle . Intliziyo ezithobileyo , enombulelo yenza naliphi na inenekazi libe ihle , lithandeke !

(**Ingoma** , ethetha ngoxolo , inzolo , ukuphumla nobuhle obungaphakathi)

THEMBELIHLE : Usenkqubeni iAmanenekazi eThemba - Kwaye namhlanje sixoxa ngamanenekazi amahle nangendlela yokuba linenekazi elihle.

THANDOKAZI : Nangoku ! Sivuya kakhulu ukuba sikwazile ukumema omnye , olinenekazi elihle ngazo zonke iindlela ukuba abe nathi namhlanje enkqubeni.

UNDWENDWE: Hayi andazi nto noko ngobungakanani bobuhle bam ...kodwa ke, ewe, siphila kwilizwe elibeka phambili imbonakalo yobuhle emanenekazini .

Makhe sicamange sonke ukuba yintoni kanene eyenza inenekazi libe lihle? Ma sicinge ngemizimba yethu kuqala . Inenekazi elihle alikhathalei kuphela ubuso nomzimba walo koko lihoya nempilo yalo

Eyona nto encedisayo kwimbonakalo yenenekazi , yimpilo yalo. Xa inenekazi lisempilweni entle , likhangeleka lihle . Kubalulekile ukutya kakuhle - imifuno , iziqhamo iinkozo nenyama ... uzame nokulala ngokwaneleyo . Oko kwenza umahluko omkhulu kwimbonakalo yobuho bakho .

Inenekazi elihle aliphileli ekuhoyeni **impilo** yalo ... likhathalela nendlela **elibukeka** ngayo ...ukuba **lizinxibisa** njani ..nkqu nendlela **elihamba** ngayo. Ukuzimisa kakuhle kwenza umahluko omkhulu kwindlela elinomtsalane ngayo inenekazi. Isoloko ibonakalisa ukuba lizihloniphile kwaye linesidima.

Amanenekazi , kule mihla sikuyo , axelelwa lonke ixesha ukuba ukuze ubonwe nje ngomntu omhle kufuneka ulangazelelwe . Uninzi lwamanenekazi lucinga ukuba ukulangazelelwa yindoda kuthetha ukuba , kufuneka inenekazi liveze umzimba . Banxiba impahla ekhuthaza ukuba babe nombizelane emadodeni. Amanye amabhinqa acinga ukuba kubalulekile ukulangazelelwa kunokuba nemfaneleko.

Ngoku ke makhe siziphe ithuba sicingisise ngempahla esizinxibayo Inenekazi ngalinye lithanda ukuzibuza lithi “ Ngaba iyandifanela le lokhwe ndiyinxibileyo ? ...umbala , umsiko...ubungakanani bayo ? Ngaba iphuhlisa ntoni kakhulu ...iwuveza kangakanani wona umzimba wam ? ngaba isondele kakhulu de ibe ngathi incinci na ? Indenza ndizibone ndifanelekile kakuhle na ? Inomfaneleko na kwa yona ?

Angazibuza futhi nokubaNgaba iyabubonakalisa na ubuqu bam .. ukuba ndingubani na? Ndibonakala nje ngenenekazi eliziphethe kakuhle na elineenqobo ezizizo ? Okanye indenza ndibonakale nje ngomntu oluhlaza ‘nonomtsalane emadodeni ‘ ? Amanenekazi anxibela

ukubizela amadoda ayalibala ukuba ubuhle bunento engaphaya 'kokubonwa liliso lenyama.'

Inenekazi elihle nyhani liyazihlonipha , ulibona ngendlela elizazisa ngayo Linxima ngokusemgangathweni nangentlonipho . Liba lihle ngoku kanye impahla ezo zingekho kwifashoni.

Ukuba ulinenekazi elikholelwa kuThixo , uzinxibisa kakuhle ukwanelisa umyeni wakho (ukuba utshatile) nesiqu sakho , ngokungakumbi uThixo . Oku akuthethi ukuthi nxiba nakanjani ! Soloko unxiba ngokufanelekileyo nangokobudala bakho nendlela omile ngayo Khumbula ukuba ' **umfaneleko** ' usoloko ukwifashoni.

Amanenekazi ayazihlupha ngemibimbi , ukukhuluphala , iminyama emva kokukhulelwa , ukuba neenwele ezingashinyananga,sifuna ukuba bahle qha , anditsho mphulaphuli? Ayikho mbi loo ngcamango tu . UThixo wasidala ngenjongo yokubonakalisa ubuhle.

Akho kambe amanenekazi angakukhathalelanga ukuziphucula . Awayihoyi imizimba yawo ... kwanempilo yawo , nto ke leyo ebalulekileyo , awazikhathalelanga kwaphela nje . Masifumane ungqinelwano . Masingachithi xesha lininzi , amandla , okanye imali sikhathalele imizimba yethu side silibale eyona nto intle - intliziyo nomphefumlo . Kodwa ke masingade singazihoyi silibale ukuzenza bahle ebayenini (xa sitshatile) nabo sibathandayo .

Ke mhlobo wam , zama ukuzipha ithutyana kwimini yakho exakekileyo , uzilungise . Xa sixakekiswe kukukhathalela usapho olu lonke , akubi lula ukuthatha ixesha sizihoya thina ubuqu , akunjalo ?

Nokuba awunayo imali onokuyichithela ekuthengeni izinto zokuzenza mhle , nje ngokuya kwindawo erhweba ngolo hlobo , zikhona izinto ezilula neziyindalo onokuzenza ukukhathalela umzimba wakho ... nempilo yakho.

Hlamba iinwele zakho rhoqo , uhoje ulusu lwakho – uthambise amafutha ebusweni xa unakho

Zimisele ukulala kakuhle

Yitya ukutya okondlayo okunempilo, nje ngenyama , intlanzi , inyama yenkukhu , neziqhamo nemifuno kanobom. Sela amanzi acocekileyo kakhulu.

Yenza uthambo xa usenza umsebenzi okuhlalisa endaweni enye .ongakunyakazisiyo

Kuzibe ukuzifaka kwingcinezelo nje , ungazihluphi ngento ethethwa ngabantu ngawe , kuba , kakade ... **uThixo** ukwenze mhle . Umhle kakhulu emehlweni **akhe**.

THEMBELIHLE : Enkosi nenekazi , Yantle ke le ndlela yokuphila ubomi - usazi ukuba uThixo usenze bahle nokuba sikhangeleka njani na .Yiyo kakade into ethethayo , akunjalo ?

UMCULO

Ivenkile yezinto zokudlala

UMBALISI : Kwakukho , kwindawana esentabeni , ivenkile yezinto zokudlala engaqhelekanga Ngorhatya ngalunye , akucima nje izibane unovenkile , avale izithinteli langa zefestile , agoduke , beziqalisa ukudlala izinto zokudlala zincokole .

Okunye ukudlala nokuncokola kwezi zinto zokudlala bekuba kuhle , kanti okunye futhi bekuba yingxaki enkulu kuba bekulimaza kungenabubele. Yabona le ilisoja into yokudlala ibizibona intle kunezinye ngoku kanye amehlo ayo eqatywe ipeyinti emnyama ingancumi - ngaphandle kokuba ibona umtshakazi lo onxityiswe ilokhwe ende emhlophe , neenwele ezityheli ezimajiko-jiko ekhazimlayo.Ebesithi akujonga isoja ngaloo mehlo akhe angathi ngaweChina , aluhlaza , suke isoja lenze uqulukubhede phezu kwekhawunta lingazincedi luvuyo .

Kwakukho nenja enkulu , eyayikhonkotha ngelizwi elikhulu linxibe idyasi emfuma mfuma emnyama... yona nebhere elimdaka ngebala zazisazi ukuba ziyathandeka kunezinye izinto zokudlala .Zaziziqengqa phantsi ubusuku bonke , ziphazamisa zonke ezinye .

Ilseti zeti ezihonjiswe ngemifanekiso yeentyatyambo zazihlala etafileni ziphe onodoli abenziwe ngamalaphu iti. Wofika onodoli abanxityiswe ilokhwe ezintle benyevulela aba benziwe ngelaphu.

Inqwelo yomlilo ebomvu Kunene , nayo yayisothusa zonke ezinye izinto zokudlala ngempempe yayo edanyazayo enelizwi elibukhali , ibibhabha ivenkile le yonke ingquba kwanto ephambi kwayo ikakhulu izindlu ezenziwe ngeziqobo ezayanyiswe eludongeni lwevenkile .

Yeka ke ukuhleka kweebhola nje ngokuba zibetheka kwezinye itoyizi nje .Yaba ziintonga ezinqinileyo kuphela ezazingonwabanga kuba zazihlekwa

“Ndiyalicaphukela ixesha lasebusuku ” yatsho enye intonga ” singqutywa sodwa xa sizama ukudlala kodwa wonke omnye wonwabile ”

“Kwaye xa sisakha into ethile entle , okanyeinja , noba libhere okanye ibhola ivele iyaphule ” yakhalaza yatsho intonga.

“Akwaba umenzi zinto zokudlala wayengasenzanga thina kuba asihoyekanga ” zakhalaza zonke iintonga.

Ngobunye ubusuku , sekukudala emkile uMenzi wezinto zokudlala , nalo ucango luvuleka . Zisoyika izinto zokudlala , zayeka ukudlala nokuthetha kwa oko , Indodana encinane eyangenayo yayinobuso obonwabileyo , ikhululekile .

Wangqala ngqo kwiziqobo eziziintonga ezazizithulele ezibhokisini zazo .

“ Molweni zihlobo zam . Kutheni nina ningadlali nezinye izinto zokudlala nje?”

Zothukile iithoyizi zeplanga zayijonga indoda encinane . Zazingathi ziyamnakana lo mfo uthetha nazo .

Wazibamba ngobubele obukhulu nothando.

“Asikho bahle nje ngezinye izinto zokudlala , asilumkanga nje ngazo futhi “ yathintitha yatsho enye intonga

“Kwaye ziyatyotyozwa qho izinto esizakhayo , sihlekwe “ yongeza enye yatsho.

“O nto zam ezincinane “ yaphendula indoda yatsho” Nizezona zibalulekileyo izinto zokudlala endakha ndazenza , kuba ndisebenzisa nina ukwakha indawo zokuhlala zezinye ezi .”

“Usenzile ? “ zatsho zonke ezeplanga ngaxeshanye.

“Ewe ndenze zonke ezi zinto zokudlala , ezikule venkile , nganye nganye.”Yazijonga indoda yobuso obonwabileyo , zonke izinto zokudlala zibonakalisa ukumangala kodwa yinto eziyixelelwa yindoda le.

“Yabonani “ , waqhubeka watsho umenzi zinto zokudlala , “Ndenze ithoyi nganye ukuba ibe sisipho esikhethekileyo kumntwana osifumeneyo . Nganye kuni unento ebalulekileyo oyenzayo. “

Waphakamisa ngothando ezinye iziqobo wenza udonga ngazo. Kungekudala ezinye iziqobo zangenelela , zenza indlu entle .Kwabakho itafile yeeseti zeti noonodoli abahle besiChina , neendawo zokubeka aba nodoli belaphu abaneenwele zewulu. Ijoni nomtshakazi walo lanikwa indlu enkulu ukuze babenokudanisa kakuhle kuyo , yazainja nebhere zasondela eziko zazisonge kamnandi apho.. .

“Yabona “ watsho umenzi wazo , xa kanye kuphuma ilanga , “ Nizizinto zokudlala ezintle kuba ndinenze ngolo hlobo “

Phambi kokuba zigxalathelane zisiya kwindawo ezidweliswa kuzo evenkileni , lwavuleka ucango , wanyamalala umenzi zinto zokudlala , kodwa zona zange ziyilibale imfundiso yakhe. Zaziva zibalulekile ngazinye , zintle ngokunjalo

UMCULO

THEMBELIHLE : Oh! lamnandi torhwana eli bali mphulaphulilinomyalezo obalulekileyo kuthi sonke kunjalo nje . Ndlela le ekufuneka sikhumbule ngayo ukuba uThixo - umdali wethu - usenze **ngolu hlobo esilulo** . Uyasithanda ... hayi ngoba sinobuso obuhle , okanye ilizwi elimnandi , okanye nasiphi esinye nje isizathu..kodwa ngenxa yokuba **siziintombi Zakhe ezizintanda** . Nokuba **amadoda** asebomini bethu acinga ntoni na . nokuba yiyiphi na **inkcubeko** esiphila kuyo, nokuba **uluntu** lwethu luthetha luthini ngathi – singaqiniseka ukuba uBawo uSonini nanini yena uyasithanda – nakanjani , xa sihluphekile , okanye sibuthathaka , okanye sibahle sinobulumko , uyasithanda kuba usidalile.

THANDOKAZI : Uyazi Thembelihle , ndicinga ngazo zonke ezinye izinto ezilenza lihe inenekazi emehlweni kaThixo . Yiva okubhaliweyo apha eBhayibhileni...

“Ukuhomba kwenu makungabi kokwangaphandle, kokulukwa kweenwele , kokunxitywa kwegolide , nokwambathwa kwengubo ; makube kokomntu ofihlakeleyo wentliziyo , ovethe ukungonakali , omoya onobulali , ozolileyo , oxabiso likhulu emehlweni kaThixo” (1 kaPetros 3 : 3-4)

UThixo akasixeleli ukuba **singabi** bahle okanye siyikhathalele indlela esibukeka ngayo. Nakubeni kunjalo , ufuna senze konke esinako ukuqinisekisa ukuba umoya , ingqondo nomphefumlo ,zintle .

Sibuye sifunde eBhayibhileni ukuba uThixo usenze **“Isitsaba sokuhomba esandleni sikaYehova”(ulsaya 62 : 3)** Le nto indixelela ukuba uThixo uyabuthanda ubuhle nezinto ezintle . Kodwa eyona nto aythanda kakhulu kukubona ubuhle **obungaphakathi** . Khumbula - **ubuhle bangaphandle** buyaphela ngokuya ukhula . Kodwa **“ ukungonakali , nomoya onobulali ozolileyo ”** kukho ngonaphakade.!

THEMBELIHLE : Ewe Thandokazi , yinyaniso leyo . ukuba sivumela umsindo , ubukrakra , nomona buzalise ubomi bethu , sakuba neentliziyo ezidakumbileyo , ezisindayo. Asisayi kuba nobuhle obungaphakathi uThixo afuna sibe nabo . Nobuso bethu bakuqala ngoku ukuhla bube nemigca yentlupheko.

Kodwa ukuba – sinenzolo ngaphakathi kuthi nakwiintsapho nabahlobo bethu kangangoko sikwaziyo , angekhe sikwazi ukufihla iintliziyo zethu ezintle. Zakubonakala ebusweni bethu .

THANDOKAZI : Mhlobo wam , ukhangeleka njani namhlanje ? Ngaba kukho ubukrakra okanye umona entliziyweni yakho ? Uziva ukhathazekile , unomsindo ? Usukuzana nemivakalelo yakho onayo ngakomnye ? Ngaba udinga ukuba uThixo akuncede ube nobuhle obungaphakathi? Ukuba ungathanda ukucela uThixo akuncede , kutheni ungathandazi nam ngoku ?

(Umculo ovakala ngasemva)

Thixo , Bawo othandekayo ,

Siyakubulela ngokuba usidalile nangokuba usithanda . Nceda uze ebomini bomhlobo wam nolo thando lwakho uhlambe wonke umonzakalo , umona nomsindo anokuba uyawuva . Nceda , mncede ukuba axolele abo abamonzakalisileyo . Menze abe linenekazi elihle elibonakalisa ubuhle bakho nobubele , Ndithandaza egameni likaYesu . Amen

UMCULO

THEMBELIHLE : Nanku umbongo osikhumbuza into ebesincokola ngayo namhlanje . Uthi :

Ubuhle bungaphezulu kwento oyibonayo

Buyinto yonke oyiyo , inxalenye yakho

Isimilo sakho , nomphefumlo wakho

Nothando , olukroza kuwe

Kokwa kukhathalela , oba bu ethe ethe bentliziyo

Nobuhle bomzimba ngokunjalo

Ewe , ubuhle abuthengwa

Abufumaneki ngakupeyinta , okanye isithambiso na kakade

Ingaqukuqela , ngokwefuthe lomphefumlo onothando

NoYesu , nje ngomphembeleli.

THANDOKAZI : Mhlobo , ndiyathemba ukuba ufumene ifuthe namhlanje lokujonga ubuhle ngendlela eyohlukileyo. Ukubona ukuba ayiyonkangeleko yomntu , kodwa kukuba ungubani na

THEMBELIHLE : Khumbula ukuba uThixo akajongi umphandle , kodwa angabona kanye phakathi entliziyweni. Uyazi xa sikhathazekile kwaye angasenza bahle ngaphakathi. Ukuba ungathanda ukwazi ngakumbi ngendlela uThixo anokuyenza le nto intle kangaka , kha usibhalele wethu...

THANDOKAZI : Sihlala sikhona kwinkqubo iAmanenekazi eThemba . Sala kakuhle

BOBABINI : Ziyolise ngoYehova !!

